



ISICELO ESITSHA ESINGEBHASKITHI YEZIBONELELO ZONCEDO ZESIXEKO- ISAPHULELO KWIINTLAWULO ZOBUHLALI NESIBONELELO SENKXASO KWABO BANGATHATHINTWENI

ISIQINISEKISO SOMNINI/SABANINI OKANYE ABFAK'ISICELO/ UMFAK'SICELO

AMAGAMA NGOKUPHELELEYI NEEFANI	IINOMBOLO ZEZAISI

Inombolo yeakhawunti kamasipala ejoliswe kwipropati	
Inombolo yeseli (ke ngoku kuvunyelwa isiphumezo sokuba ndifakwe kwabo bakuluhlu bokufumana imbalelwano ngokumalunga neeinvoyissi zarhoqo ngenyanga ngendlela engeimeyile)	
Idilesi engeimeyile (ke ngoku kuvunyelwa isiphumezo sokuba ndifakwe kwabo bakuluhlu bokufumana imbalelwano ngokumalunga neeinvoyissi zarhoqo ngenyanga ngendlela engeimeyile)	
Idilesi yendawo	

NCEDA UBONAKALISE APHA UKUBA WENZA ISICELO SESAPHULELA SENTLAWULO OKANYE ISIBONELELO SENKXASO KWABO BANGATHATHINTWENI:

Ukuba umvuzo wakho warhoqo ngenyanga ngamaR27 000 okanye ngeneno okanye uxhomekeke kwisibonelelo sentlalontle; okanye unama60 eminyaka ubudala okanye uxhomekeke kumhlalaphantsi/inkamnkam, ungafaneleka ukuba ufumane izibonelelo zezaphulelo kwiintlawulo zobuhlali, njengoko kudweliswe kwiTheyibhile B engezantsi apha. Kwakhona, abafak'isicelo abanomvuzo warhoqo ngenyanga ongamaR7 500 okanye nangaphantsi, bangafaneleka ukuba bafumane izibonelelo njengoko kudweliswe ngezantsi apha kwiTheyibhile A.

ITHEYIBHILE A - ISIBONELELO KWABO BANGATHATHINTWENI			
Uluhlu lwezibonelelo kwabo bangathathintweni	Ummiselo womvuzo	Bonakalisa apha ukuba sesiphina isaphulelo ojolise kuso ngesicelo sakho	

• Isibonelelo sokhululelo kwiirhafu se100% • Isibonelelo sokhululelo kwinkunkuma se100% • Isaphulelo samanzi afelefele esili-15kl • Esogutyulo lelindle lamahala le10.5kl • Ukucinyelwa kwamatyala okusisigxina • Kuyakuthi kufakelwe ngaphandle kwentlawulo imitha yombane ohlawulelwa ngaphambi kokuba uwusebenzise • Iiyunithi ezingahlawulelwayo =25 kWh kWh ukuba umbane ofunyenweyo uphakathi kwe50kWh ngenyanga • Iiyunithi ezingahlawulelwayo = 60 kWh ukuba umbane ofunyenweyo awudluli kuma250 kWh ngenyanga • Nceda uqaphele: • Ukuba umbane ofunyenweyo uye wedlula kuma450 kWh ngenyanga, asisayi kufumaneka isiqingatha sombane ongahlawulelwayo kwelo khaya. • Iiyunithi ezingahlawulelwayo =25 kWh kWh ukuba umbane ofunyenweyo uphakathi kwe50kWh ngenyanga • Iiyunithi ezingahlawulelwayo = 60 kWh ukuba umbane ofunyenweyo awudluli kuma250 kWh ngenyanga Nceda uqaphele: Ukuba umbane ofunyenweyo uye wedlula kuma450 kWh ngenyanga, asisayi kufumaneka isiqingatha sombane ongahlawulelwayo kwelo khaya.	Umvuzo ongama R7500 okanye ongaphantsi kuwo		Nceda ugcwalise iCandeloA
--	--	--	----------------------------------

**Itheyibhile B - Isaphulelo kwiintlawulo zobuhlali
(Abaninii abaxhomekeke kumhlalaphantsi okanye kwisibonelelo sentlalo)**

Isibonelelo sokhululelo kwiintlawulozobuhlali kuphela	Ummiselo womvuzo	Bonakalisa apha ukuba sesiphina isaphulelo ojolise kuso ngesicelo sakho	
Ukususela kwi10% ukuya kwi100% ngokuxhomekeke kummiseo womvuzo	R0 ukuya kumaR27 000, ngokuxhomekeke kumvuzo; okanye kwiminyaka engama60 ubudala, ngokuxhomekeke kumhlalaphantsi.		Nceda ugcwalisa iCandeloB neCandeloC

ICANDELO A (ISIBONELELO SABO BANGATHATHINTWENI)

Ukuba ufumana ubonelelo ngombane kwiSixeko saseKapa kwaye AWUNAYO imitha yombane ehlawulelwa ngaphambi kokuba usebenzise umbane efakelweyo, kufuneka wenze isicelo sokuba ufakelelwe oko.

Bonke abantu apho amagama abo adweliswe ngentla apha, kufuneka ngoku baphendule yonke imibuzo ekwiTheyibhile C yolu xwebhu. Ubuncikane, umntu omnye kufuneka aphenndule 'uEwe' kumbuzo omnye okwiThebhile C ngezantsi apha, okanye usenokungaqhubeki nokwenza esi sicelo sobonelelo kwabo bangathathintweni.

Itheyibhile C			
Hayi	Umbuzo	Ewe	Hayi
1.1	Ingaba ungumnini obhalisiweyo wepropati?		
1.2	Ingaba ungumhlali oyintloko yosapho engumtwana obhalisiweyo phantsi kwegama lalowo ungumzali/abazali bakho abangasekhoyo? (kufuneka kungeniswe ikopi eqinisekisiweyo yesatifiketi sokubhubha somzali/sabazali, ukongeza kwamanye amaxwebhu afunekayo)		
1.3	Ingaba ungumthengi wepropati yokuhlala ephantsi kwalo naliphina inqanaba lasebuRhulumenteni ngokommiselo wokulibaziseka kotshintshelwano?		
1.4	Ingaba unikezelwe ipropati ngokomyalelo wenkundla, ngenxa yezizathu zedivosi/uqhawulomtshato? (Kufuneka kungeniswe ikopi eqinisekisiweyo engomyalelo wenkundla, ukongeza kwamanye amaxwebhu afunekayo)		
1.5	Ingaba ungumhlali kwipropati apho iyeyalowo ungasekhoyo apho impahla yakhe ingekabiwa ngokusesikweni? (Kufuneka kungeniswe ikopi eziqinisekisiweyo zesatifiketi sokubhubha, ileta ekuvumela/ekugunyazisa ukuba ugcine okwexeshana impahla yongasekhoyo, iafidavithi yesizalwana ukongeza kwamanye amaxwebhu afunekayo) Kwaye ukuba kunjalo, phendula le mibuzo ilandelayo:		
1.5a	Ingaba ipropati yathi yashiywa kuwe emva kokuba umntu othile ebhubhile?		
1.5b	Ukuba utshate ngokommiselo wokohlulelana ngepropati, ingaba uyeyona ndlalifa eshiyekileyo engumnini wepropati ebhalisiweyo ngamagama enu omabini nomlingane wakho ongasekhoyo?		

1.5c	Ukuba utshate ngokommiselo wokohlulelana ngepropati, ingaba ungomnye weendlalifa eshiyekileyo engumnini wepropati ebhalisiweyo ngamagama enu omabini nomlingane wakho ongasekhoyo?		
1.5d	Ukuba ngaba isiqephu sepropati kuphela sibhaliswe ngegama lalowo ungasekhoyo, ingaba ungulowo usaphilayo engumnini obhalisiweyo kunye nabanye abaziindlamafa?		
1.5e	Ukuba ngaba isiqephu sepropati kuphela sibhaliswe ngegama lalowo ungasekhoyo, ingaba ungomnye osaphilayo kubanini ababhalisiweyo kunye nabanye abaziindlamafa?		
2	Ukuba ipropati le yokuhlala ibhaliswe ngegama lequmrhu, ingaba kungokunje ulilungu lelo qumrhu? (kufuneka kungeniswe ikopi eqinisekisiweyo yoxwebhu lwequmrhu elo, ukongeza kwamanye amaxwebhu afunekayo)		
3	Ingaba ubunikezelwe ilungelo lokusebenzisa ipropati yokuhlala ubomi bakho bonke, ngamnye amagama unikezelwe inkululeko yale propati okanye ufumene ilungelo ngokuhlalisana (ilungelo lokuhlalisana) kule propati? (Kufuneka kungeniswe ikopi eqinisekisiweyo yobungqina, ukongenza kwamanye amaxwebhu afunekayo)		
4	Ingaba ungumlingane okanye ungumntwana womni obhalisiweyo, ongenakho ukuhlala kwipropati ingesosizathu sempazamo yalowo engumnini obhalisiweyo? (Kufuneka kungeniswe ikopi eqinisekisiweyo yobungqina, ukongenza kwamanye amaxwebhu afunekayo)		

Itheyibhile D - Ezomdla kwiShishini

1	Ingaba utshatile okanye uhlala nomlingane/neqabane?		
2	Ingaba wena okanye iqabane lakho lobomi okanye umlingane ngumlawuli okanye ulilungu, phakathi kwezinye izinto kumbutho wezoshishino, kwiqumrhu, kubuhlakani okanye kwinkampani?		
3	Ingaba wena okanye iqabane lakho lobomi okanye umlingane unazo naziphina izabelo, eziselugcinweni okanye umdla ongezezimali kulo naluphina ushishino?		
4	Ingaba wena okanye iqabane lakho lobomi okanye umlingane engumnini oyedwa, lihlakani, lilungu, ngumninizabelo okanye ngumlawuli walo naluphina uhlobo loshishino?		
	Ukuba uphendule u'Ewe' kumbuzo 2 kwakhona okanye ku3 okanye ku4, nceda ugcwalise le rowu ilandelayo		
Igama leshishini, iqumrhu, ubuhlakani okanye inkampani			
Inombolo yobhaliso			

- Kufuneka ungenise kunye nesi sicelo ikopi eqinisekisiweyo yoxwebhu lokubhaliswa kombutho woshishino, iqumrhu, ubuhlakani okanye inkampani
- Ngenisa nawuphina umvuzo osusela kulo naluphina ushishino, iqumrhu, ubuhlakani okanye inkampani kule theyibhile ingezantsi apha;

linkcukacha zomfak'isicelo/zomnini wepropati apho esi sicelo senzela yena, kunye nezeqabane lakhe lobomi okanye umlingane wakhe:

Itheyibhile E – umvuzo uwonke ongowarhoqo ngenyanya wekhaya								
Oonobumba bokuqala bamagama omntu nefani	Ulwalamano kuminkazi weakhawunti	Inombo yeID	Umvuzo uwonke warhoqo ngenyanga R	Imvelaphi yomvuzo	Ingaba uqeshiwe		Ubungqina bomvuzo/ bengeniso	
					Ewe	Hayi	Ewe	Hayi
Ingeniso iyonke yarhoqo ngenyanga yekhaya								

(Lo mvuzo ujoliswa kumvuzo wenyanga wekhaya ngaphambi kokuba kwenziwe naluphina ucutho ngenjongo yokuhlalwula amatyala ngokubhekiselele kubo bobabini umnini nomlingane okanye iqabane kuquka naliphina iqabane lokuhlalisana kujoliswe kuyo yonke imijelo yezimali kuquka kodwa kungabikho kugqithela kwimivuzo, izabelo, umhlalaphantsi, izibonelelo zoncendo, izimali zerenti, izimali zebhodi okanye zokurenta, inzala ethe yafumaneka nayo nawuphina umvuzo oyinzala)

Kufuneka ungenise iikopi eziqinisekisiweyo zala maxwebhu alandelayo kunye nesi sicelo:

Ukuba uqeshiwe:

- Ubungqina besazisi (enjengencwadi yesazisi iID yakho)
- Isiliphu sakalokunje esingomvuzo okanye ileta evela kumqeshi wakho ecacisa ngomvuzo wakho
- Ukuba uziqeshile, kufuneka isibophelelo sokunyaseka esicacisa ukuba ufumana umvuzo ongakanani na ngenyanga
- ubungqina xa ngaba ufumana isibonelelo sokukhubazeka okanye sezomhlalaphantsi
- Ingxelo yobume bebhondi yakho yeenyanga ezintathu zokugqibela okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunayo iakhawunti yebhondii
- Ingxelo yasebhankini enge-akhawunti yakho yesithuba sakalokunje seenyanga ezintathu okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini

Ukuba awuqeshwanga:

- Ubungqina besazisi (enjengencwadi yesazisi iID yakho)
- Isibophelelo sokunyaniseka esiqinisekisa ukuba awuqeshwanga
- Isibophelelo sokunyaniseka sokuba awunawo umthombo ongomnye womvuzo
- Ingxelo yasebhankini engeakhawunti yakho yesithuba seenyanga ezintathu zakalokunje okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini
- Ingxelo yobume bebhondi yakho yeenyanga ezintathu zokugqibela okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunayo iakhawunti yebhondi

Iimpahla zongasekhoyo: nceda ungenise la maxwebhu aqinisekisiweyo alandelayo:

- Ileta yomgcinimafa ephuma kwiOfisi eseMthethweni; okanye
- Umyolelo obhalisiweyo kwaye wamkelwa yiOfisi eseMthethweni; okanye
- Iafidavithi yesalamane/isizalwane ephuma kwiOfisi eseMthethweni.

Esi sicelo kufuneka sityikitywe: ngumnini/abanini kunye nabalingane okanye amaqabane okanye abafak'sicelo

ICANDELO B (Isaphulelo kwiintlawulo zobuhlali – Abanini abaxhomekeke kuMhlalaphantsi okanye kwiSibonelelo sentlalontle)

INGcaciso engeziMali (Inyanzelekile)

Ittheyibhile F - (Bonakalisa u✓ ukuba ubungqina buqhotyoshelwe)		
	PROOF ATTACHED ✓	AMOUNT
Umvuzo osisigxina okanye owexeshana		
Indodla/ipenshini yarhoqo ngenyanga • Ipenshini kaRhulumente • Ipenshini yabucala • Izibonelelozoncedo zokukhubazeka		
Eyesondlo		
Irenti / isivumelwano soqeshiso		
Inzala engumphumela wotyalozimali		
Igama nohlobo lezotyalomali		
Ububhoda nengokuhlala (Ubungqina okanye isibophelelo sokunyaniseka)		
Engenye indlela		
UMVUZO UWONKE		

ICANDELO C: AMAXWEBHU AXHASAYO NESIQINISEKISO

Nceda ubonakalise ukuba ngawaphina amaxwebhu athe angeniswa kunye nale fom u engesicelo:

Ubungqina bomvuzo womnini neqabane/umlingane namaxwebhu akalokunje engxelo yasebhankini yeenyanga ezintathu ngokujoliswe kuzo zonke iikhawunti zasebhankini eziphuma kuwo onke amaziko ezezimali.

Iikopi zesazisi/ze-ID (zomfak'isicelo nezeqabane/ezomlingane).

Iziliphu zomvuzo (ukuba kufanelekile).

Ubungqina bokufumana ipenshini/umhlalaphantsi (owabucala okanye okarhulumente).

Ubungqina bokukhubazeka (isatifiketi sokugula okanye ileta ephuma kumqeshi wakho).

Ubungqina botyalomali/izabelo.

Iikopi zesivumelwano soqeshiso (ukuba ungumnini wepropati engenye).

Ubungqina bokunikezelwa ilungelo lepropati/elongokuhlalisana/lomtshutshisi/lommeli okanye lomgcinimafa.

Ubungqina boxwebhu olungetrasti nomvuzo uwonke wabaxhamli.

Ukuba ipropati ibhaliswe kubanini abaninzi: ikopi yeID yomfak'isicelo (umntu ohlalayo) nobungqina bomvuzo wabo bonke abanini buyafuneka.

Ukuba ipropati ibhaliswe phantsi kwegama leNkampani (CC): ikopi yeID yomfak'isicelo (umntu ohlalayo) nobungqina bomvuzo bawo onke amalungu buyafuneka.

Ikopi yesatifiketi sokubhubha okanye ikopi yomyolelo (apho kufanelekileyo).

Isiqinisekiso

Ngokufaka esi sicelo, ke ngoko ndinika imvume kwiSixeko saseKapa (iSixeko) ukuba siphengulule ngakumbi iincazelo zam zobuqu (kuquka inkcazelo eyodwa yobume bam) ukuba siqhube uphononongo ngokupheleleyo lamatyala ukuze sifezekise esi sicelo. Ndiyavuma ukuba iSixeko

singenza isicelo sawo nawaphina amaxwebhu apho kubonakala efanelekile apho athi axhase esi sicelo.

Ndiyaqinisekisa kwakhona ukuba kuye kwabonakala ukuba nayiphina ingcaciso yenziwe ngabomi/ngokungekhomthethweni/ingeniswe ngendlela egwenxa/inikezelwe ndim, iSixeko sinelungelo lokurhoxisa nasiphina isaphulelo kwaye sibuyisele nasiphina eso saphulelo/uncedo. ISixeko sayikuthi sinyuse inzala kwezo akhawunti apho ezo zaphulelo/izibonelelo ziye zafumaneka ngobuqhetseba, kwaye sinelungelo lokuthabatha amanyathelo athe xhaxhe ngokujoliswe kuye nawuphina umntu othe wanikezela ngengcaciso ebubuxoki.

Ndiqinisekisa ukuba kuye kwanikezelwa yonke ingcaciso efunekayo kwaye kuye kwaqhotyoshelwa onke amaxwebhu afanelekileyo.

Nceda uqaphele: Ukuba usebenza egameni lomnini ngayo nayiphina indlela, ngokuthi utyikitye, uqinisekisa ukuba unegunya ngokubhaliweyo/ngokurekhodishiweyo okanye igunya lokusebenza egameni labo.

Igama lomfak'isicelo nefani	
Umhla	
Utyikityo	



UXWEBHU/IFOMU ENGESIQUINISEKISO SOKUNYANISEKA

Mna/Thina siqinisekisa ukuba ingcaciso enikezelwe kolu xwebhu, luyinyaniso kananjalo luchanekile.

Mna/ Thina kwakhona siqinisekisa ukuba ukuba nayiphina ingcaciso ethe yanikezelwa ndim okanye sithi, kwaye ngabomi, nangokungekhomthethweni kunye okanye irekhodisheke ngempazamo kolu xwebhu, iSixeko sinelungelo lokuba sirhoxise kwaye sifune imbuyekezo ngaso nasiphina isaphulelo, uxhamlo, ukucuthelwa kwetyala, ukucinyelwa kwetyala, njalonjalo, sikufune oko ngokupheleleyo.

Uziqeshile:

Ewe

Hayi

Umvuzo

Iakhawunti yasebhankini:

Ewe

Hayi

Ibhondi:

Ewe

Hayi

Umvuzo wezomhlalaphantsi /
kaSASSA:

Ewe

Hayi

Isixamali

Awuqeshwanga:

Ewe

Hayi

Isiqinisekiso sokunyaniseka sommeli ngokokuzalana (apho kuxhaswa uJ192/J170). Ke ngoko ndiqinisekisa ukuba mna/ thina asinayo imithombo yezimali ukuba sijongane nokutshintshelwa ngokomthetho wepropati enkulu engenakufuduswa. Okulilifa njengepropati enkulu, akukaqakunjelwa yiOffisi esemthethweni engezaMafa.

Amagama abo Bafake izicelo. Izizalwane:

Engenye indlela:

Inkcukacha notyikityo lomfak'isicelo:

Igama

Ifani

Inombo yeID

Idilesi

Ikhawudi yePosi

Inombolo
yoqhagamshelwano
yomnxeba neDilesi

Inombolo yesazisi

Utyikityo

IGosa elinoxanduva:

IGAMA NEFANI NGOONOBUMBA ABAKHULU

UTYIKITYO

UMHLA